Isifundo 4

**Januwari 20-26*

Ukusinda Kwiindlela Zehlabathi

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Nd. 119:11; Efese 6:18; Rom. 8:5, 6; Heb. 11:1–6; 1 Kumkani 3:14; Hez. 36:26, 27.

Indima Yenkumbulo:
"Abunyusi ubuncwane ngemini yokuphuphuma komsindo; ubulungisa buyahlangula ekufeni. . . . Okholosa ngobutyebi bakhe uya kuwa yena; ke amalungisa aya kuhluma njengamagqabi" (IMizekeliso 11:4, 28).

Nangona uSathana woyiswayo nguYesu, uphumelele kubo bonke abanye. Uza kuqhubeka esenza njalo ngaphandle kokuba silwa ngesikrweqe namandla kaThixo, ekuphela kwaKhe osinika inkululeko ekutsalweni lihlabathi. Ngoko ke, kufuneka ingqondo yethu siyijongise kuMniki wethu wasezulwini. UDavide waliqonda ixabiso lenene kobu bomi xa wayebhala, "Iingonyama ezintsha ziyaswela, zilambe; ke bona abamfunayo uYehova abasweli nanye into elungileyo" (Nd. 34:10). USolomon waqonda ukuba ubulumko nokuqonda zizinto ezinexabiso ngaphezu kwesilivere negolide (IMiz. 3:13, 14). Ulonwabo lwenene nokuphila okulungileyo kuvela ekuwasuseni amehlo kwizinto esinazo sikhangele kuKristu ophilileyo esingabaKhe.

Ithemba lethu elikuphela kwendlela yokusinda ekutsalweni lihlabathi likulwalamano olubalulekileyo nolunempumelelo noYesu. Kule veki, siza kufunda ngezakhi zolo lwalamano, nendlela ekubaluleke ngayo kwimpumelelo yethu yasemoyeni ukuba siwaqonde amandla asitheleyo ehlabathi, sibone ukubaluleka kukaKristu njengeyona mbangi yokwenene yokuphila kwethu.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha Januwari 27.*

Ulwalamano NoKristu

Ukuthandwa kwezinto zehlabathi, nangabo bangenanto kangako, kunokuba lityathanga elinamandla eliqamangela umphefumlo ehlabathini kunakuKristu. Ukuba asinanto kangako ngokwezinto zehlabathi, ulangazelelo olunenzondelelo lokuzuza izinto kungakwazi ukuba sisiqalekiso esibi esiya kuthi, ukuba alubekwanga phantsi kolawulo lweNkosi, luwukhokelele kude umphefumlo elusindisweni. USathana uyakwazi oku, nto leyo eyenza ukuba asebenzise ukuthanda izinto ukubambisa abaninzi kangangoko anako. Luyintoni ukhuselo lwethu ekuphela kwalo?

"Nyamekelani izinto zaphezulu, zingabi zezasemhlabeni" (Kol. 3:2). Siyenza njani le nto athi uPawulos masiyenze? (Bona nakuNd. 119:11, Efese 6:18.)

Zeziphi ezinye iindima onokuzifumana ezithetha ngoko esimele ukugcina iingqondo zethu zikhangele kuko? (Bona, umzekelo, Filipu 4:8.)

Iyeza ekuphela kwalo ekuthandeni ihlabathi, nakulo naluphi uhlobo okuza ngalo, kukusoloko sizinikele kuKristu (Nd. 34:1) kumahla-ndinyuka obomi. UMoses "[akubalela] ukungcikivwa ngenxa kaKristu kububutyebi obungaphezu kobutyebi baseYiputa" (Heb. 11:26, NIV). Phambi kwalo naluphi na ulwalamano, uKristu kufuneka abe ngowokuqala kuthi. UKristu ulindele ukuzinikela okumile ekoyisekeni kwengqondo, kungekuko ukukhetha nje phakathi kwezinye izinto; oko kukuthi, kufuneka sizinikele kuKristu kuba enguLo anguYe noko asenzele kona, kungabi ngokuba sijonge ukuzuza kwangoku oko kunokuziswa kuthi lukholo lwethu nokuzinikela kwethu kuYe. Ubomi bethu bufihlwe kuYesu, kwaye amacebo aKhe kufuneka abe ngamacebo ethu. Ukuzinikela kwenene kukubeka isandla sethu ekhubeni ngaphandle koku"khangela kokusemva" (Luka 9:62). Xa sizinikela ngolo hlobo, uYesu uyasiphakamisa sifikelele ekupheleleni kwesakhono. Xa siziyekela kuYe, uya kukwaphula ukubanjwa kwemiphefumlo yethu lihlabathi. Kufuneka simile kuKristu endaweni yokumila ezintweni; kuba oko kukodwa kuya kulizalisa ihamte ebomini bethu.

Cinga ngexesha owazuza ngalo into onayo, eyona kanye wawuyifuna ngamandla. Uvuyo nokwaneliseka lwaba lolwexesha elingakanani phambi kokuba luye ludaka wada wabuyela aphowawuqale khona?

ELizwini

Zingaphezu kweebhiliyon ezintandathu iiBhayibhile esele zisasazwe emhlabeni wonke, kodwa ke, zingaphi ezibonwa njengeLizwi likaThixo ophilileyo? Zingaphi ezifundwa ngentiziyo enyanisekileyo elungele ukuyazi inyaniso? Ukufunda iBhayibhile okukuko kuyasikhokela isalatha-ndlela sethu, kwenze ukuba sikwazi ukuthubeleza phakathi kobuxoki bokudideka kwasemhlabeni. IBhayibhile yincwadi ephilayo yemveli engcwele yezulu (Heb. 4:12), ngenxa yoko isikhombisa iinyaniso esingeke sizifumane nakweyiphi enye indawo. IBhayibhile yimaphu yendlela kaKristu yokuphila yonke imihla, kwaye isifundisa ngokwandisa ubuchopho bethu icolisise izimilo zethu.

Funda: Yohane 5:39, 14:6, nama-20:31. IBhayibhile, ngakumbi iiVangeli, isinika olona lwazi lunegunya ngoYesu. Ingaba ezi ndima zikhethekileyo kuYohane zithini ngaYe nokuba, kutheni le nto ebaluleke kangaka kuthi, nakuye wonke umntu, ukuba sikholwe?

Siyifunda iBhayibhile kuba ikuphela kweliso leNyaniso. UYesu uyiNyaniso, kwaye eBhayibhileni simfumana uYesu enjengoko sinokumazi ngenxa yendlela atyhilwe ngayo apho. Apha eLizwini likaThixo, iTestamente eNdala neNtsha, sifunda ngokuba ungubani uYesu nangoko asenzele kona. Sithi ke simthande, sinikele ubomi nemiphefumlo yethu ekugcinweni nguYe sikhuselekile ngonaphakade. Ngokulandela uYesu nokuthobela amazwi aKhe, sinako ukukhululeka kwiimbophelelo zesono nezehlabathi. “Ngoko ukuba uNyana uthe wanikhulula, noba nikhululekile inene” (Yohane 8:36).

Funda: Roma 8:5, 6. Yintoni esilunyukiswa kuyo apha, kwaye ukufunda iLizwi likaThixo kunokusinceda njani kwidabi elingeengqondo zethu?

Ukuthanda ihlabathi, ngakumbi ukuthanda izinto zehlabathi, kungalula ukusitsalela kude noThixo ukuba asilumkanga. Yiyo le nto kufuneka sizigcine eLizwini, elisalathisa kwizinto ezingunaphakade nezasemoyeni ezibaluleke kakhulu ebomini bomKristu. Ukuthanda ihlabathi, akuze kuyiphakamisele ingqondo ekuziphatheni ngokulungileyo ngokwasemoyeni; endaweni yoko, kubeka endaweni yemithetho-siseko yeBhayibhile ukubawa, umona, nenkanuko. Uthando, njengoko lutyhiliwe eBhayibhileni, lwakhe ulwalamano ngokusifundisa ukubaluleka kokuzinikela kwabanye. Kwelinye icala, ukuthanda ihlabathi kujonge ukuzizuzela thina yonke into, nto leyo echasene nako konke okumelwe nguYesu.

Ubomi Bomthandazo

“Bubo ke obu ubomi obungunaphakade, ukuba mabakwazi wena ukuphela koThixo oyinyaniso, naye uYesu Kristu omthumileyo” (Yohane 17:3). Akumangalisi ukuba amaKristu asoloko esithi ukholo lwawo lungokwalamana noThixo. Ukuba ukumazi uThixo “bubomi obungunaphakade,” sinokubufumana ke ngoko obo bomi ngokwalamana kunye naYe. Kakade ke, kolo lwalamano kukho uqhagamshelano. Sibonile izolo ukuba uThixo uthetha nathi ngeLizwi laKhe elingcwele. Thina ke, ukuphindisa [okanye ukusabela], sithetha ngomthandazo.

Ukuba, njengoko sesibonile, siza kuzimilisela iingqondo neentliziyo zethu kwizinto zasezulwini, umthandazo uya kufuneka. Oku, kungokuba, ngemvelo nje yawo, umthandazo usikhomba kumgangatho ongasentla kunehlabathi. Kanti ke, nalapha, kufuneka silumke kuba ngamanye amaxesha imithandazo yethu ise nokuba kukubeka nje izinto zokubawa kwethu. Yiyo le nto sidinga ukuthandaza sinikela kwintando kaThixo. Kwiminyaka emininzi eyadlulayo, enye inkosikazi yacula la mazwi, “Owu, Nkosi, akunako na ukundithengela iMercedes-Benz?” Ngokokwayo, yayiluhlaselo lokuthanda izinto zehlabathi lwabo bathi bayakholelwa kuThixo. Nathi kufuneka siqiniseke ukuba, xa sithandaza, nako okusisenzo sokuziyekela kuThixo nokufa ngasehlabathini, sifuna intando kaThixo, iyeyiyo eyethu.

Funda: Hebhere 11:1–6. Yintoni ebalulekileyo ekufuneka ihlanganiswe nayo yonke imithandazo yethu? Kanti ke, kukuthini ukuza kuThixo ngokholo nokuthandaza ngokholo?

Ukuba alukho ukholo olwayanyiswe kwimithandazo yethu, kuya kubakho ubuganga, unomgogwana wokholo lukaSathana. “Umthandazo nokholo zizinto ezayamene kakhulu, kwaye kunyanzelekile ukuba zifundwe kunye. Emthandazweni wokholo kukho isayensi yezulu; yisayensi ekufuneka ayiqonde wonke umntu ofuna ukwenza ubomi bakhe bube yimpumelelo. UKristu uthi, ‘Izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela’ Marko 11:24. Uyibeka icace into yokuba, ukucela kwethu kufuneka kube ngokwentando kaThixo; kwaye nokuba yintoni esiyifumanayo kufuneka isetyenziselwe ekwenzeni intando yaKhe. Ukuba kuhlangatyezwene nezi meko, isithembiso asithandabuzeki.”—Ellen G. White, *Prayer*, p. 57.

Qwalasela ubomi bakho bomthandazo. Uthandazela ntoni? Imithandazo yakho ithini ngocwangciso lokubaluleka kwezinto zakho? Zeziphi ezinye izinto ongadinga ukuba uzithandazele?

Ubomi Bobulumko

Elinye lawona mabali amahle kakhulu eBhayibhileni libali lesicelo sikaSolomon kuThixo, ukuba amnike, ngaphezu kwezinto zonke, “intliziyo evayo, yokubalawula abantu bakho, ahlule phakathi kokulungileyo nokungendawo; ngokuba ngubani onako ukubalawula abantu bakho aba bangaka?” (1 Kumkani 3:9).

Athini amazwi abalulekileyo awawathethayo uThixo kuSolomon awayenokuthi, ukuba ayethotyelwe, amsindise ukumkani kwintshabalalo eyeza phezu kwakhe ngenxa yokuba nezinto? Kutheni le nto uThixo wayithethayo ibaluleke kakhulu nakuthi? 1 Kumkani 3:14; bona naku-1 Yohane 5:3, 1 Pet. 4:17.

USolomon wayenobulumko obukhulu, kodwa ubulumko bona ngokwabo, ukuba abusetyenziswa buphilwe, abuludluli nganto ulwazi nje olulungileyo. Ngokuthethwa yiBhayibhile ngeli gama, ubulumko obungasetyenziswayo, asibubo ubulumko ngenene. Baninzi abaya kulahleka bebenolwazi oluninzi ngoThixo neemfuno zaKhe. Ukuswela kukaSolomon ukuthobela kwamsusa ezindleleni awayebizelwe kuzo nguYehova. Kwathi sekusemva ebomini, waqala ukubuyela ezingqondweni zakhe, sele ebhala ngokuzithoba: “Kuba ubulumko bulungile ngaphezu kwekorale, neento zonke ezinqwenelekayo azilingani nabo” (IMiz. 8:11).

Ubulumko kukusetyenziswa kolwazi nokuqonda. Ulwazi lumele iinyaniso; ukuqonda kumele ukuqiqa; baye ubulumko buphuma kwinkqubo yokusebenzisa ukuqonda nolwazi lwethu ebomini bethu. Igosa elilumkileyo kufuneka lingazi liqonde nje kuphela, kodwa libe namava aphuma ekuluphileni olo lwazi nokuqonda. Umzekelo kaSolomon usibonisa ubulula bokuba nabona bantu balumkileyo nabaqonda kakhulu banako ukukhukhuliswa kukungabi nto kokuphila ubomi bokuba nezinto ukuba umntu lowo akaluphili ulwazi alunikiweyo.

Thelekisa u-1 Korinte 3:19 noMizekeliso 24:13, 14. Yintoni umahluko phakathi kwezi ndidi zimbini zobulumko kuthethwa ngazo kwezi ndima? Yabelana ngempendulo yakho neklasi ngeSabatha.

UMoya Oyingcwele

Imbambano enkulu iqinisekile; amacala amabini alwela imiphefumlo yethu. Elinye lisitsalela kuKristu (Yohane 6:44) laye elinye lisitsalela ehlabathini (1 Yohane 2:16). Amandla kaMoya Oyingcwele ebomini bethu anako kwaye aya kusitsalela kwicala elilungileyo ukuba sithi sizinikele kuYe. "Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso" (Yohane 16:13; bona nakuYohane 14:16). UMoya Oyingcwele usinika amandla okuphila ngokwemithetho-siseko nangokholo, kungabi ngokweengcinga nje zelo xesha nemvakalelo ezilawula ihlabathi. Ukulungiselela okuyimpumelelo kokuphila ezulwini kuza ngokuphila ngokunyanisekileyo kulo mhlaba phantsi kokukhokela kukaMoya Oyingcwele. UPawulos uyacebisa: "Ukholo lwenu lungabi sebulumkweni babantu, lube semandleni kaThixo" (1 Kor. 2:5). Ukutsala kwehlabathi, kukholisa ukuba ngezinto zehlabathi, kusitsalele kude neNkosi. Kwelinye icala, ukuba sithi singali, amandla kaMoya Oyingcwele aya kusitsalela kuYesu.

Impumelelo edabini nehlabathi nokulotywa lilo liya kufezwa kuphela apha ngaphandle kwethu. Funda: Hez. 36:26, 27; Yohane 14:26; noEph. 3:16, 17. Xa simvumela uMoya Oyingcwele ukuba asilawule, zinto zini aya kuzenza uThixo ukuqinisekisa ukuba sifumana uloyiso lwasemoyeni?

"Kungeengcingane zobuxoki nezithethe athi uSathana azuze igunya lakhe phezu kwengqondo. Ngokukhokelela abantu kwimigangatho engeyiyo, usimisa ngendlela engeyiyo isimilo. NgeziBhalo, uMoya Oyingcwele uthetha engqondweni, afake inyaniso entliziyweni. Ngaloo ndlela, imposiso uyibeka elubala, ayikhuphe emphefumlweni. KungoMoya wenyaniso, osebenza ngeLizwi likaThixo, athi uKristu aboyisele kuYe abantu baKhe abanyuliweyo."—Ellen G. White, *The Desire of Ages,* p. 671. UMoya Oyingcwele ungumniki wengxelo yenyaniso esisipho sokugqibela uYesu awayenokusinika ukuba simele ubuThixo emhlabeni emva kokunyuka kwaKhe. UMoya Oyingcwele uzama ukusinika amandla okoyisa umtsalane onamandla wehlabathi "nobuhle" balo.

Ihlabathi alisitsali sikunye sonke, akunjalo? Zinto zini onokuzikhetha, ngoku, ezinokukunceda ukuba uziyekele kuMoya Oyingcwele, ekuphela kwaKhe onokukunika amandla okumelana nezihendo zehlabathi?

Ingcamango Eyongeziweyo: Igosa lisebenza kumthetho-siseko ongamawele—umsebenzi nothando. “Khumbula ukuba umsebenzi unomthetho-siseko oliwele, uThando; xa esi sibini simanyene, sinokufeza, phantse, yonke into, kodwa xa sahlukene, akukho neyodwa enokwenza okulungileyo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 4, p. 62. Umsebenzi luthando lusebenza. Sidinga kuphela ukuhlala kumbingelelo kaKristu ukuze uthando luvuselele umsebenzi wethu. Kwelinye icala, kukho imithetho-siseko yehlabathi: intiyo newele layo, uvukelo. Uvukelo lunokuba yintiyo isebenza. UKhwezi wamvukela uThixo (Hez. 28:16, 17) kwaye engasayi kuze ayeke ade atshatyalaliswe. Waguqulela igunya lothando ekuthandeni igunya. Iinkokheli zenkolo kwaSirayeli zalithiya igunya namandla, izinto awayenazo uYesu (Mat. 22:29). Zathi naxa sezibaleka etempileni okanye zisuka amehlo aKhe ewathe ntshoo kuzo, azazitshintsha kodwa zona iindlela zazo.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Khanihlale ngakumbi kwingcinga yothando nomsebenzi [uxanduva]. Uthetha ukuthini uEllen G. White xa athi, emva kokusibiza esi sibini ngokuthi ngamawele, elinye ngaphandle lwelinye “alinako ukwenza okulungileyo”? Lukhangeleka njani uthando ngaphandle komsebenzi? Kutheni le nto kufuneka omabini asoloko ekunye?

2. Indima yenkumbulo yale veki: “Abunyusi ubuncwane ngemini yokuphuphuma komsindo; ubulungisa buyahlangula ekufeni. . . . Okholosa ngobutyebi bakhe uya kuwa yena; ke amalungisa aya kuhluma njengamagqabi” (IMiz. 11:4, 28). Ithini intsingiselo yale ndima? Ithini ngobutyebi, iyintoni engayithethiyo?

3. Eklasini, xoxani ngobomi bukaSolomon. Buzani ukuba, kwathini ukuze aphume kangaka emgceni. Qwalaselani kwincwadi yeNtshumayeli iindima ezinokunceda ukutyhila ingozi, nokungabi nto kwezinto zehlabathi, naxa, njengoSolomon, sithe sanazo zininzi kakhulu. Yintoni esiyifunde kule veki ngomthandazo, ngokufundwa kweBhayibhile, nangolwalamano noKristu, enokusinceda ukuba sizigcine sisendleleni elungileyo ngokwasemoyeni?

4. Kungenzeka njani ukuba abantu abangenazo kangako izinto zasemhlabeni babambiseke kumgibe uSathana ababekela wona?

5. Ithini impendulo enize nayo ngokubhekiselele kumbuzo wokugqibela wangoLwesithathu ongeentlobo ezahlukeneyo zobulumko?